**July 2016**

Mthandazisi Othandekayo,

Mva nje ndibe nomzuzu wethemba xa bendikhumbula ukuba ubutyebi esinabo kuYesu ityileke kwiimpilo ezophukileyo. Ngoba amandla okusindisa abuya kuThixo hayi kuthi (AmaKorinte II 4:7) Kule vesi uPawuli ukhuthaza ibandla lase Korinte ngendaba ezilungileyo zethemba nokuphila okukhona kwintsindiso kaYesu ebonakala kwiimpilo zabantu njee ezo azifanisa nezitya ezi ethe ethe, ezophuka lula.

Ndithotyozwe kukucinga ukuba uPawuli ubekuqonda ukungantweni bakhe xa eqhathanisa nomyalezo wethemba elikuYesu (Ephesians 3:7–9). Ndiyakholwa ukuba uThixo ufuna sikuqonde sahlulele ukuze kungabi nambuzo othi ibuya phi ke leyo ivangeli namandla wayo.Intsindiso ngumsebenzi kaThixo, hayi thina (AmaKorinte okuqala 2:5; 3:7).

Khona singahlala njani impilo yethamba kumandla asenyangweni  xa sihlangabezana neenzima ezingaka kwaye sisokola mihla lee?

**Hambani ngokukholwa hayi ngkubona.** Okwamgcinayo umpostile uPawuli yayikukuqonda ukuba impilo yalapha emhlabeni yeyomzuzwana (AmaKorinte II 4:18) uPawuli ukhuthaza ibandla lase Korinte kwaye nathi ukuba singajongi kwiinzima zethu kodwa sijonge kwikamva uYesu analo ngathi. Ibibubomi buka Pawuli obu. Ukuba wayenakho ukuzikhethela, ngewayekhethe ukuhamba emhlabeni abeneNkosi ekhaya ezulwini (KwabaseFilipu 1:21–23) Wena ukhe wanawo lo mnqweno? Ndiyazi ndikhe ndanawo mna ngexa lokuvavanywa, kpdwa ndiye ndivuseleleke ngokwazi nje ukuba abafazi namadoda ehlabathini lonke ayathandaza emcela uThixo ukuba asiphe amandla, ithemba, nempilo kuko konke ezivavanywa kuko.

**Bekezela ngoba ukhona umvuzo**. Njengoko uPawuli esityebisela kwiindaba ezilungileyo ngoYesu nehlabathi, abaninzi abantu bafunda bazifumane iindaba ezilungileyo nobubele bukaThixo. Abaninzi abawuvileyo umyalezo baphendule ngokukholwa, bayamkela intsindiso, banombulelo kakhulu (Kwabase Efese 1:6, 12, 14) Namhlanje, sivakalelwa kanjalo nathi sisaphila intlao exhomekeke kwiZwi likaThixo siyakholwa ukhona umvuzo mkhulu kunentsokolo yomzuzwana. (Abase Korinte II 4:16–17) Kunga singaqhubeka silwandisa ufefe kwabanye ngomthandazo nangezenzo, sibaxelela ubungqina ngeempilo zethu ezinethamba nempilo kuYesu.

Mihla ngemihla singawuxhamla umzuzu wethemba. UThixo uyahambahamba ezimpilweni zethu ngokuthi sithandaze. Akabalibelanga noodade bethu eChina, masiphikelele siphakamisa iintliziyo zethu namazwi ethu eNkosini ngabo novavanyo abajongene nalo imihla ngemihla. Yima ngxi elukholweni lwakho namhla, unako nje okudingayo ebomini ukuze uphile impilo engcwele njengoko sibambelele kumandla avela enyangweni esiwanikiweyo ngokwazana noThixo neNkosi yethu UYesu. (UPetros wesibini 1:3–4).

UThixo akusikelele,

Peggy Banks
Global Ministry Director
Project Hannah